



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**SEPTEMBER 2018**

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA  
OLONGEZELELWEYO P2  
SIKHOKELO SOKUMAKISHA**

**AMANQAKU: 70**

---

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-15.

---

**ICANDELO A: INOVELI****UMBUZO 1 (IMIBUZO EMIFUTSHANE)****KUSA KUSIHLWA – K.S. BONGELA****ISICATSHULWA A**

- 1.1 1.1.1 Evenkileni kaLungile Ntsibande. ✓ (1)
- 1.1.2 NguSondlo. ✓ (1)
- 1.1.3 Kwakungafanelekanga, kuba uThamsanqa uliliso evenkileni kaLungile ngoko ke akanalungelo lakukhupha iimfihlo ezikhuphela utshaba lukaLungile. ✓✓
- OKANYE**
- Kwakufanelekile, kuba njengomntu osendaweni kaLungile Wayemele ukuzihoya zonke iingxaki ezivelela ivenkile athathe izigqibo ezifanelekileyo ngokohlobo ebezakwenza ngalo umnini-venkile ukuba ebesaphila. ✓✓ (2)
- 1.1.4 Sesokusweleka kukaLungile nenkosikazi yakhe kwingozi yemoto. ✓✓ (2)
- 1.1.5 Uzibona ungcono, uphezulu uphucukile ungazazi nokuba uphucuke njani. ✓✓ (2)
- 1.1.6 Yeyokuthuma uMakhwetshu ukuba makaye kuqobongela uThamsanqa amenze akhuphe iincwadi zevenkile ukuze babone intsayino-gama eyenziwa nguyisemncinci uMosia xa babethengiselana ivenkile. ✓✓ (2)
- 1.1.7 Kukunyaniseka ✓/ kukuthanda usapho ✓/ kukuyimela into akholelwa kuyo. ✓
- [Nasiphi isibini kwezi.] (2)
- 1.1.8 Yeyangaphandle ✓ kuba uMakhwetshu noThamsanqa baye banyukelana de baba ngathi baza kubambana ngezigalo kule ngxoxo yabo. ✓✓ (3)
- 1.1.9 Elokunaba kwebali ✓/ elokuyondelelana kwebali ✓ kuba ngokuxambulisana kwesi sibini nokungafumaneki kweencwadi zevenkile, uNozililo uxoxa mphini wumbi ukuzilwela kwabakwaNtsibande. ✓✓ (3)

**KUNYE****[18]**

**ISICATSHULWA B**

- 1.2 1.2.1 Ngomcimbi awayefanele ukuba awenze uMpumelelo ukubulela amawabo. ✓ (1)
- 1.2.2 Ukuze yonke into oyenzayo ukususela ngoku ihambe kakuhle. ✓✓ (2)
- 1.2.3 Kukumgcina ✓✓/ kukumjongela ishishini lakowabo ngeli xesha yena asafundayo ✓✓/ ubenguyise akuswelekelwa ngabazali bakhe. ✓✓  
[Nayiphi enye kwezi.] (2)
- 1.2.4 (a) (ii) ✓ / (ii) ummeli ntlobo ✓/ ummeli ntlobo ✓  
(b) (iii) ✓ / (iii) umxhasi ✓ / umxhasi ✓  
(c) (i) ✓ / (i) umlinganiswa oyintloko ✓/ umlinganiswa oyintloko ✓ (3)
- 1.2.5 Limfanele kuba uNomakhwezi wayehleli ubomi bokungcungcuthekiswa nguNozililo ngokumana emhlohla iindaba zolwimi ekhulisa ubukhwele bakhe, emxabanisa nomyeni wakhe uLungile ✓✓/ kuba ikwanguye owaleqa uMpumelelo emva kokufa kwabazali bakhe efuna ukuba abulawe ngootsotsi ✓✓/ nguye owayequzelela ukutshiswa kwevenkile kaLungile ✓✓/ nguye owayentlokothisa umyeni ngelifa likayisemncinci ✓✓.  
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)
- 1.2.6 Eyokukrobisa umntu kwiimeko ezithile eziza kwenzeka ✓✓/ eyokutyhila iimeko ezibuhlungu abakuzo abantu. ✓✓  
[Nayiphi kwezi.] (2)
- 1.2.7 Ungumntwana oqiqayo ✓/ ungumntwana obambeleyo kwiimfundiso zakowabo ✓ kuba intsha ebomini bakhe le nto yokuba kufuneka enzele izinyanya umbulelo akuba uyise wayezithatha njengemfitshimfitshi izinto ezilolo hlobo. ✓✓ (2)
- 1.2.8 Ayibanga nafuthe kwaphela ✓ kuba uMpumelelo uye waphindela kowabo eLusikisiki akuba egqibile ukufunda. ✓✓ (3)

**[17]****AMANQAKU ECANDELO A: 35****OKANYE**

**UMBUZO 2: (UMBUZO OMFUTSHANE)****UMQOL'UPHANDLE – P.M. NGANI****ISICATSHULWA C**

- 2.1 2.1.1 KwaMamKhey ✓/ etywaleni ✓ / esirhoxweni sotywala ✓  
[Nayiphi na kwezi] (1)
- 2.1.2 NguLinda Monti. ✓ (1)
- 2.1.3 Kwakungafanelekanga, kuba uLinda wayengumntu ongabuseliyo utywala ngoko ke ilihlazo le meko azifake kuyo. ✓✓
- OKANYE**
- Kwakufanelekile, kuba akukho mmiselo wakuba xa umntu ephantsi koxinzelelo ngokomphefumlo umele kwenza ntoni na ngoko ke naye uLinda wayezikhupha entlungwini awayekuyo ngale meko. ✓✓ (2)
- 2.1.4 Wayezintyintye ngotywala emva kokuzifaka ingcinga yokuba uEddie osisithandwa sakhe uhambe nelinye ibhinqa ukuya ebhayaskophu kwaye akasazimisela kumtshata. ✓✓ (2)
- 2.1.5 Entle kakhulu naqinisekileyo ukuba yeyona izihlalisa phantsi iintanga zakhe ✓✓/ wayesithi ukuba unxibe yona kujongwe kuye yedwa ngenxa yobuhle bayo. ✓✓  
[Nayiphi na impendulo echanekileyo] (2)
- 2.1.6 Yeyokumnika ithuba lokuba kuvele ubungcaphephe bakhe bokuphanda isintsompothi setyala lokufa kukaEddie Maga noLulama Zuma ✓✓/eyokumkhuthaza exhasa ngalo lonke ixesha efumana iinkcukacha ezinokumncedisa kuphando lwakhe. ✓✓  
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)
- 2.1.7 Kukukhuthala ✓/ kukunyaniseka ✓/ kukunyamezela ✓/  
bubukhalipha ✓/ bubukrelekrele. ✓  
[Nayiphi isibini kwezi.] (2)
- 2.1.8 Yeyangaphakathi ✓ kuba uLinda ubexakene nesiqu sakhe, iingcinga zakhe zibethabethana akayazi into amakayenze de wabe ufikelwe yingcinga yokuya kuzintyintya ngotywala. ✓✓ (3)
- 2.1.9 Elokunaba kwebali ✓/ elokuyondelelana kwebali ✓ kuba ngokunxila adwanguze kuba lula ukungayazi nento athe wayenza oko kuthi kuncedisane noHlobo ekumrhaneleni njengombulali kaEddie. ✓✓ (3)
- [18]**

**KUNYE**

## ISICATSHULWA D

- 2.2.1 Ngenenekazi elaqatshelwa nguBumba ngobusuku bokusweleka kukaEddie Maga noLulama Zuma. ✓ (1)
- 2.2.2 Kwakumnandi kuye ✓✓/ wayonwabe kakhulu ✓✓ / Wayegcoloda. ✓✓ [Nayiphi na kwezi] (2)
- 2.2.3 Kukusiphathela ulwazi *ngeTape Recorder* yakhe awayeyiboleke uEddie ✓✓/ kukusiphathela iinkcukacha ngenenekazi elabonwa lingena laphundelaphuma eRio ngobusuku bokufa kukaEddie. ✓✓/ Ulwazi ngendawo eyenzeka kuyo ingozi. ✓✓ [Nayiphi kwezi.] (2)
- 2.2.4 (a) (ii) ✓ / (ii) ummeli ntlobo. ✓ ummeli ntlobo✓  
(b) (iii) ✓ / (iii) umchasi. ✓ umchasi  
(c) (i) ✓ / (i) umlinganiswa oyintloko. ✓ umlinganiswa oyintloko✓. (3)
- 2.2.5 Walinda unyaka wonke enxibe umsesane wengeji kaEddie ongazange ade amtshate ✓/walinda ukuba umpu wakhe obulahlekile ude uzivelele ✓ [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 2.2.6 Sisifaniso. ✓✓ (2)
- 2.2.7 Ukuba babelicaphukela, bedikiwe leli nenekazi kuba lalibonakala liziphakamisile. ✓✓ (2)
- 2.2.8 Ubenefuthe elikhulu ✓ kuba bubukho bawo obubangele ukuba uEddie anyanzeleke ukuba aye kuwubukela, neentshaba zakhe zimazile ukuba akanakuphoswa nguwo, ngaloo ndlela kwavela ithuba lokubulawa kwakhe ukuze ibali libheke phambili. ✓✓/ Unike ithuba lokuba uLulama abe uhamba noEddie ngemini yengozi ukuze afe naye kurhanelwe uLinda yena mntu wayesaziwa ngoEddie. ✓✓ [Nayiphi na kwezi] (3)

[17]

AMANQAKU EWONKE: 35

OKANYE

**UMBUZO 3****UMonwabisi: Zama A Japhta****ISICATSHULWA E**

- 3.1.1 KuseNtshiqo. ✓ (1)
- 3.1.2 nguMaRhadebe. ✓ (1)
- 3.1.3 Kwakungafanelekanga, kuba uMonwabisi wayengumntwana njengabo. Asikho isizathu esinokubangela ukuba umntwana ongengowelo khaya aphathwe kakubi. ✓✓

**OKANYE**

- Kwakufanelekile, kuba isendalweni into yokuba abantwana bambange umzali wabo bafune ukuba uthando lwabo lungahlulwa phakathi. ✓✓ (2)
- 3.1.4 Sesokuba kwathi kwakufika ixesha lokumka kwabeLungu kumashishini asemaphandleni alibone elo njengethuba lokuzikhulisa kumava awayewafumene ngethuba wayesebenza kwaNdabazabantu eKapa. ✓✓ (2)
- 3.1.5 Nangona wayenobubele obukhulu nje wayekwanawo namandla okuqeqesha ngokulukhuni. ✓✓ (2)
- 3.1.6 Yeyokumakha amqinise ngenxa yendlela egadalala ebemphethe ngayo kanti uyamnceda engaziqondi yena. ✓✓ (2)
- 3.1.7 Bubuvila ✓/ bubunxila ✓/ bubutshivela ✓/ ukungayazi indima edlalwa ngumntwana wokuqala ekhayeni ✓/ ukungabi ngomzekelo omhle kwabanye abantwana. ✓ (2)
- [Nasiphi isibini esichanekileyo siya kwamkeleka.] (2)
- 3.1.8 Yeyangaphakathi ✓ kuba uMamTolo iyamtya indlela axatyswe ngayo uMonwabisi nguThandabantu, akanakuzola emphefumleni. ✓✓ (3)
- 3.1.9 Elokunaba kwebali ✓/ elokuyondelelana kwebali ✓/ ukujiya kwezinto ✓ kuba ukujitheka kukaMamTolo kuzala intiyo ngakuMonwabisi kanti kwangaxeshanye kumbangela ukuba ayekekelele ekuqeqesheni abakhe abantwana batsho benze izadulanqa ezinika uMonwabisi ithuba lokugqama. ✓✓ (3)

**[18]****KUNYE**

## ISICATSHULWA F

- 3.2.1 Ngendima edlalwe nguMonwabisi ekuphumzeni uThandabantu kumsebenzi wokongamela amashishini akhe. ✓/ ngothakazelelo lukaMamTolo noThandabantu ngenxa yokubona ukuthembeka nokunyaniseka kukaMonwabisi ✓ (1)
- 3.2.2 Wayevuka kusesekuseni kakhulu ✓✓/ kukuvuka xa kusithi qheke ukusa. ✓✓  
[Nayiphi na kwezi] (2)
- 3.2.3 Bubenefuthe elikhulu kakhulu ✓ kuba emva kokufumanisa ukuba abasebenzi bakhe bayambela wasuka wanengqumbo ngasebantwini ababemsebenzela, ✓✓ wayeka zonke izinto ezintle ebezenza ✓✓/ akathemba mntu. ✓✓  
[Nayiphi na impendulo echanekileyo] (3)
- 3.2.4 (a) (ii) ✓ / (ii) ummeli ntlobo ✓/ ummeli ntlobo ✓  
(b) (iii) ✓ / (iii) umxhasi ✓/ umxhasi ✓  
(c) (i) ✓ / (i) umlinganiswa oyintloko ✓/ umlinganiswa oyintloko ✓ (3)
- 3.2.5 UThandabantu wenze konke anokukwenza ukugcina abasebenzi bakhe bonwabile eshishinini lakhe eNtshiqo ✓/ uthande neenkedama nje zevenkile ezazingabantu abazihlalele kweso sakhiwo ✓/ uthando lwakhe ebantwini lubonakele nangethuba ethatha isigqibo sokukhulisa uMonwabisi njengomntwana wakhe. ✓  
[Nasiphi isibini esichanekileyo siya kwamkeleka.] (2)
- 3.2.6 Ukuba ngoku uMamTolo ujjikile uyamthanda uMonwabisi akasamboni njengomntwana awayemcaphukela sele embona elulutho ekhayeni ✓✓/ukutshintsha kwesimo ebebisibini kuqala sikaMamTolo aveze icala elihle ngendlela ambona ngayo uMonwabisi. ✓✓  
[Nayiphi na kwezi] (2)
- 3.2.7 Ngowokuba uMonwabisi useza kuba ngumlawuli wamashishini kaThandabantu ngokusemthethwen ✓✓/Ngowokuba nguMonwabisi uphehlelelwe njengomntu oza kujonga apha the amashishini kaThandabantu ekuhambeni kwexesha. ✓✓ (2)
- 3.2.8 Lelokumnceda ngokumlawulela iincwadi zamashishini akhe nokumcebisa ngalo lonke ixesha. ✓✓ (2)

[17]

AMANQAKU ECANDELO A: 35

## OKANYE

**ICANDELO B: IDRAMA****UMBUZO 4****NDIYEKENI: D.M. JONGILANGA****ISICATSHULWA G**

- 4.1 4.1.1 Kusendlwini kaMadala. ✓ (1)
- 4.1.2 NguMawonga Loni. ✓ (1)
- 4.1.3 Kwakungafanelekanga, kuba uNdila uyiqhelile into yokona aze akhutshwe nguMadala kuloo ngxaki azifake kuyo. Umelwe ukuba azilungiselele abeneentloni ngesenzo asenzileyo. ✓✓
- OKANYE**
- Kwakufanelekile, kuba uyiqhelile into yokuziphatha kakubi ngethemba lokuba akukho mntu uzakumsa ndawo kuba yena unonxibelelwano olungqingqwa nelungu eliphezulu lekomiti. ✓✓ (2)
- 4.1.4 Sesokuthuma umntwana wesikolo utywala ngexesha lesikolo kuze kubhaqwe amakhoba otywala egumbini lakhe lokufundisela. ✓✓ (2)
- 4.1.5 Yeyokuba uMawonga uyabaphehluzelisa abasebenzi esenza ngathi bangabaqeshwa basemzini wakhe. ✓✓ (2)
- 4.1.6 Yeyokuxelela uMawonga ukuba uNdila uthume umntwana wesikolo utywala ngexesha lesikolo. ✓✓ (2)
- 4.1.7 Kukungcola ✓/ kukunyoluka ✓/ ukungabingomzekelo ✓/ ukungathembeki ✓/ ukunganyaniseki ✓/ ukungabi namqolo. ✓
- [Nasiphi isibini kwezi.] (2)
- 4.1.8 Yeyangaphandle ✓ kuba uNdila ubhoke isicuku ebagwexela kude ooLoni noMaziko xa bemxoxisa ngesenzo sakhe sokuthuma umntwana wesikolo utywala. ✓✓ (3)
- 4.1.9 Elokunaba kwebali ✓/ elokuyondelelana kwebali ✓/ ukujiya kwezinto ✓ kuba kulapho kuza kuthi kubondeke isingqokru sempindezelo kuNdila akuba egxothiwe eNobutho, noMadala engaphumelelanga ukumthethelela. ✓✓ (3)

**[18]****KUNYE**



**ISICATSHULWA H**

- 4.2 4.2.1 Zizalathisi zeqonga. ✓ (1)
- 4.2.2 Ubukela ingozi ijamelene nawe. ✓✓ (2)
- 4.2.3 Lelokumloba athandane naye ukuze aphalale aphele esifa uMawonga. ✓✓ (2)
- 4.2.4 (a) (ii) ✓ / (ii) ummeli ntlobo ✓ / ummeli ntlobo ✓  
 (b) (iii) ✓ / (iii) uvalithuba ✓ / uvalithuba ✓  
 (c) (i) ✓ / (i) umlinganiswa oyintloko ✓ / umlinganiswa oyintloko ✓ (3)
- 4.2.5 Umpimpa uNdila kuMawonga ukuze abhakeke atshe kwiziko lakhe lokungcola ✓✓ / umpimpa uMawonga kuMadala ukuze agxothwe ibe nguye inqununu yaseNobutho. ✓✓  
 [Nasiphi na isibini esichanekileyo siyakwamkeleka] (2)
- 4.2.6 Ungumntu onobulali ✓✓ / ungumfazi othobekileyo ✓✓ / ungumntu olungileyo nongayifuniyo into embi ✓✓ / ungumntu ozixabisileyo. ✓✓  
 [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 4.2.7 Ngumbuzo-buciko. ✓✓ (2)
- 4.2.8 Ayibanga nafuthe kwaphela ✓ kuba uThandiwe wabuqhuba ubomi bakhe ngohlobo ebebuqhuba ngalo akazange athathe nalinye icebiso alinikwe ngabahlobo bakhe. UMawonga yena uzingenele engxakini engakhange anqandwe nguThandiwe ngaphandle kokumxela kunina nakuRay. ✓✓ (3)

**[17]****AMANQAKU EWONKE: 35****OKANYE**

**UMBUZO 5: INZALA YAMARHAMBA: Madoda Mlokoti****ISICATSHULWA I**

- 5.1.1 KwaMatshezi noNcaphayi ✓/ kuloDina ✓ (1)
- 5.1.2 NguDina. ✓ (1)
- 5.1.3 Kwakufanelekile kuba njengodade wabo uDina kwaye bevana kakhulu wayenokuyithetha kuZanoxolo yonke into aziva engenakuyithetha ebazalini bakhe. ✓✓

**OKANYE**

- Kwakungafanelekanga kuba uZanoxolo naye ngumntwana ngoko ke akulindelekanga ukuba uDina azive enyanzelekile ukumxelela into emkhathazayo. ✓✓ (2)
- 5.1.4 Kukuzidibanisa kwakhe noNoyongo omrhwebeshela kwaThambolenyoka apho asetyenziswa njengexhoba lokuthengisa ngomzimba nangokutyiswa iziyobisi. ✓✓ (2)
- 5.1.5 Uqhayisa ngokuthi yena ufundile ✓✓/ umisa ngemfundo yakhe. ✓✓  
[Nayiphi na kwezi] (2)
- 5.1.6 Yeyokunika uDina icebo lokunqoloba abasebenzi bakaThambolenyoka babengathi babulewe ukuze anxunguphale kutsho kube lula ukuba abanjwe uThambolenyoka. ✓✓ (2)
- 5.1.7 Ungcolile ✓/ ukhohlakele ✓/ unyolukile ✓/ akanabuntu. ✓  
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)
- 5.1.8 Yeyangaphandle ✓ kuba bayaxambulisa ade uDina akhuphe amazwi anezisongelo efungela uThambolenyoka. ✓✓ (3)
- 5.1.9 Lelokunaba kwebali ✓/ lelokuyondelelana kwebali ✓/ lelokujiya kwezinto ✓ kuba oku kutshintsha kwesimo sikaDina kulandelwa kukungena nzulu kumkhwa wakwaThambolenyoka nokumitha kwakhe athi akugxothwa kwaThambolenyoka aziphindezele. ✓✓ (3)

**KUNYE****[18]**

**ISICATSHULWA J**

- 5.2.1 Zizalathisi zeqonga. ✓ (1)
- 5.2.2 Ningagoduka. ✓✓ (2)
- 5.2.3 Lelokumncedisa ngokuthi avume ukumenzela umsebenzi wakhe omdaka wokushishina ngabantwana abangamantombazana. ✓✓ (2)
- 5.2.4 (a) (ii) ✓ / (ii) ummeli ntlobo ✓ / ummeli ntlobo ✓  
 (b) (iii) ✓ / (iii) uvalithuba ✓ / uvalithuba ✓  
 (c) (i) ✓ / (i) umlinganiswa oyintloko ✓ / umlinganiswa oyintloko ✓ (3)
- 5.2.5 Uzame ukuba kubekho uxolo phakathi kukaDina nabazali bakhe ngokuthetha naye embonisa indlela ✓✓ / uphinde wathetha noDina ngethuba abhaqe incula emotweni ebonisa uDina ubungozi azifaka kubo ngenxa yentiyo. ✓✓
- [Nasiphi isibini esichanekileyo siya kwamkeleka.] (2)
- 5.2.6 Ukuba unesibindi ✓✓ / ulikroti ✓✓ / uzithembile. ✓✓
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 5.2.7 Sisibaxo ✓✓ / lugqithiso ✓✓ / lubabazo. ✓✓ (2)
- 5.2.8 Ibenefuthe elikhulu ✓ kuba emva koku kukwesi sicutshulwa kulandela ukuleqwa kukaDina ngooSdokhwe baze babhukuqe nemoto, kulandele ukubanjwa kooNoyongo noNomhase. ✓✓ (3)

**[17]****AMANQAKU ECANDELO B: 35****OKANYE**

**ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE****UMBUZO 6: NDAKUYICEL'UVUTHIWE – L.L. NGEWU noE. Z. GUQA****ISICATSHULWA K**

- 6.1.1 Lityala lodlwengulo. ✓ (1)
- 6.1.2 NguTshayizule. ✓ (1)
- 6.1.3 Kwakungafanelekanga kuba babukho ubungqina bukagqirha obungathandabuzisiyo ukuba uNompoxeko wayedlwenguwe. ✓✓
- Okanye
- Kwakufanelekile kuba akazange abunike ngokwanelisayo ubungqina obabunokumthethelela kuba iinzipho angewayemphale ngazo uZolani akazange azisebenzise, engazange azame nokukhwaza oku. ✓✓ Waye waphuma eholweni ehamba yedwa kusebusuku eshiya abahlobo ebehambe nabo ngasemva engabaxelelanga ukuba uyahamba ✓✓/ Uxokise inkundla ngelithi akamazi uZolani nangona wayekhe wathandana naye. ✓✓ (2)
- 6.1.4 Ayembona emncinane engaphantsi kweminyaka evumelekileyo yokuba angangena enkundleni yamatyala. ✓✓ (2)
- 6.1.5 Wayebhala kakhulu nangokungxama. ✓✓ (2)
- 6.1.6 Yeyokubambisa uZolani ngokuthi amphale kanobom amshiye nesiva ukuze sibe bobona bungqina enkundleni ✓✓/ yeyokuthi akudlwengulwa okwesibini nguZolani amphale kanobom ebusweni aze atsho ngesikhalo ukubiza uncedo. Obu yaba bubungqina obubambekayo nobabangela ukuba abanjwe agwetywe uZolani. ✓✓
- [Nayiphi na kwezi] (2)
- 6.1.7 Kukungasiboni njengesibalulekileyo isimangalo sikaNompoxeko ✓/kukuhlekisa ngabantu abangamaxhoba odlwengulo ✓/ kukuzimisela ukuba ngakwicala lezaphuli-mthetho nolunyotyelwa amatyala. ✓
- [Nasiphi isibini kwezi.] (2)
- 6.1.8 Yeyangaphandle ✓ kuba baye bajijisana ezilwela uNonkanyezi, wakhwaza, wade wamphala wamshiya nesiva ebuswe umdlwenguli. ✓✓ (3)
- 6.1.9 Ukunaba kwebali ✓/ ukuyondelelana kwebali ✓/ elokujiya kwezinto ✓ kuba uthe akubhungca apha uZolani waqhubeka ukudlwengula kanti uza kudibana neembila zithutha kwityeli elilandelayo. ✓✓ (3)

**[18]****KUNYE**

**ISICATSHULWA L****NGUMNTU ONJANI LO – LL Ngewu**

- 6.2 6.2.1 Ngomngcwabo kaManduleli. ✓ (1)
- 6.2.2 Wayemana ekhala kakhulu. ✓✓ (2)
- 6.2.3 Kukuveza isiqinisekiso somtshato enkundleni ukuze umzimba kaManduleli ube awunakungcwatywa ngosuku olwalutyunjiwe. ✓✓ (2)
- 6.2.4 (a) (ii) ✓ / (ii) ummeli ntlobo ✓ / ummeli ntlobo ✓  
 (b) (iii) ✓ / (iii) uvalithuba ✓ / uvalithuba ✓  
 (c) (i) ✓ / (i) umlinganiswa oyintloko ✓ / umlinganiswa oyintloko ✓ (3)
- 6.2.5 UManduleli akazange enzele mntu nto ✓ / akazange aye ntweni yamntu ✓ / unabafazi abahlanu abaxhwithana ngesidumbu sakhe ✓ / akanamfundisi wokumngcwaba ✓, akanamntu uthetha nto ivakalayo ngaye. ✓  
 [Nasiphi isibini esichanekileyo siya kwamkeleka.] (2)
- 6.2.6 Owokuba umfi lo unguManduleli akazange abenamkhondo esaphila ngoko ke nomngcwabo wakhe uyiloo nto wayeyiyo. ✓✓ (2)
- 6.2.7 Wayengakwazi ukufunda. ✓✓ (2)
- 6.2.8 Kubenefuthe elikhulu ✓ kuba ngenxa yesi siqinisekiso ukwazile ukuwamisa amalungiselelo omngcwabo womnyeni wakhe kuba inguye onelungelo alinikwe sisiqinisekiso somtshato. ✓✓ (3)

**[17]****AMANQAKU ECANDELO C: 35****OKANYE**

**ICANDELO D: IMIBONGO****UMBUZO 7: IDYUNIVESITHI IFORT HARE – S MAPUTI**

- 7.1.1 Ngumbongo-nkcazo ✓ kuba imbongi ichaza idyunivesithi iFort Hare. Iveza ukubaluleka kweli ziko lemfundo nabantu abaninzi abafunde kuyo. ✓ (2)
- 7.1.2 Sisifaniso ✓ siphuhlisa ukomelela nokuzinza kwale dyunivesithi. ✓✓ (3)
- 7.1.3 Yeyokuba abantu bangena bengakhanyiselwanga kuba bengekaxhamli emfundweni kodwa baphume begqibekile, befundisekile. ✓✓ (2)
- 7.1.4 Oweliso. ✓ (1)
- 7.1.5 Indlala ✓/ ukungazi ✓/ ukuphalala. ✓ (3)
- 7.1.6 Kwisitanza se-4 imbongi igqithisa umnqweno nomyalezo wokuba imfundo efunyenwe kweli ziko inga ingabosulela nabo bangekayi kulo kanti kwesesi-5 imbongi ikhankanya amaqhawe afunde kule dyunivesithi nendlela abaxhamle ngayo abamazwe angaphandle ✓✓ (2)
- 7.1.7 B✓/ B zaphanza/ zaphanza. ✓ (1)
- 7.1.8 Ukuba noNelson Mandela lo udume kangaka wayefunde kwalapha. ✓✓ (2)
- 7.1.9 Yimvano siphelo ✓✓ (2)

**[18]****KUNYE**

**UMBUZO 7.2: IMBONGI – KN MANCIYA**

- 7.2 7.2.1 Yonwabile ✓ kuba isebenzisa amagama ancoma imbongi afana nala: 'Lichabasa lechebesha'./ Kroti lakwabani ngqanga yamazwi! namanye. ✓ (2)
- 7.2.2 Lichule. ✓✓ (2)
- 7.2.3 Ikhalipha. ✓ (1)
- 7.2.4 Yimbongi yomthonyama ✓ kuba kuchazwa ukutshila kwayo xa ibonga ide ifaniswe neentaka ezithile. ✓✓ (3)
- 7.2.5 Kukudibanisa isizwe nabangasekhoyo, nezinyanya. ✓✓ (2)
- 7.2.6 Isikweko ✓ Izinga eliphezulu ekulo imbongi yomthonyama. ✓✓ (3)
- 7.2.7 Zonke izitanza zakhiwe ngemiqolo emine. ✓✓ (2)
- 7.2.8 Yipikoko ✓/ yintambanane ✓/ ngudokolwana. ✓ (2)
- [Nasiphi isibini kwezi.] (2)
- [17]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**  
**AMANQAKU EWONKE: 70**